Isalathiso: 20210831-5368
Inombolo yefayili.: 13/1/1/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0014/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: ***Iphepha lemibuzo elingumzekelo loLwazi lweMathematika (Mathematical Literacy) ukulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) kwiBakala 12 zangoNovemba 2021***

1. Ukuphunyezwa koxwebhu i-*Abridged Section 4* lwe-*CAPS* kwiBakala 12 ngo-2021 kuzise utshintsho kwifomathi yamaphepha emibuzo kwizifundo ezikhethiweyo.

2. Kwimeko yoLwazi lweMathematika, kuye kwakho utshintsho kwifomathi yephepha lemibuzo, nangona kunjalo, ikhontenti ihlala ingatshintshanga. Ngenxa yoko, kuye kwaveliswa iphepha lemibuzo elingumzekelo kuLwazi lweMathematika kwiinzame zokunceda ootitshala nabafundi ukuba baziqhelanise nefomathi entsha njengoko belungiselela uviwo lwe*NSC* lwango-2021.

3. Iphepha lemibuzo elingumzekelo lilungelelanisiwe ne-*Abridged Section 4 CAPS yeBakala 12* yaye kufuneka lisetyenziswe kunye neSikhokelo seeMviwo sika-2021 soLwazi lweMathematika (*2021 Examination Guidelines for Mathematical Literacy)*.

4. Iphepha lemibuzo elingumzekelo loLwazi lweMathematika liyafumaneka kwi-*ePortal:* https://wcedeportal.co.za/fet-exemplar-papers.

5. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili ukuba bazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane abasebenzi, abazali nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-09-03